Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

Iphondo leMpuma Kapa: Isebe leMfundo
Provinsie van die Oos Kaap: Department van Onderwys
Porafensie Ya Kapa Botjahabela: Lefapha la Thuto

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

SEPTEMBA 2026

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO IPHEPHA LESIBINI (P2)

AMANQAKU: **70**

IXESHA: **2 ½ iiyure**

Olu viwo lunamaphepha angama-32.

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Funda le miyalelo ngenyameko phambi kokuba uqalise ukuphendula imibuzo.

2. MUSA ukuzama ukufunda lonke iphepha lemibuzo. Yiya kwiphepha lesiqulatho elilandelayo uze uphawule amanani emibuzo esetwe kwiincwadi ozifundileyo kulo nyaka. Emva koko, yifunde le mibuzo uze ukhethe leyo ufuna ukuyiphendula.

3. Eli phepha linamaCANDELO amaNE:

ICANDELO A:	Inoveli	(35)
ICANDELO B:	Idrama	(35)
ICANDELO C:	Amabali amafutshane	(35)
ICANDELO D:	Isihobe	(35)

4. Landela imiyalelo ekuqaleni KWECANDELO NGALINYE ngononophelo.

5. Phendula IMIBUZO emiBINI iyonke: umbuzo NGAMNYE ukhethwa NAKUWAPHI amacandelo amaBINI.

   ICANDELO A: INOVELI

   Phendula umbuzo kwincwadi yenoveli oyifundileyo.

   ICANDELO B: IDRAMA

   Phendula umbuzo kwincwadi yedrama oyifundileyo.

   ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

   Phendula imibuzo esetwe kumabali amafutshane omaBINI.

   ICANDELO D: ISIHOBE

   Phendula imibuzo esetwe kwimibongo yomiBINI.

6. Uluhlu lokukhangela lakukunceda.

7. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

8. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

9. Ingcebiso yokulawula ixesha: Sebenzisa imizuzu engama-60 KWICANDELO NGALINYE.

10. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

IPHEPHA LESIQULATHO

Eli phepha liza kukunceda ukuba ukwazi ukukhetha imibuzo ofuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

ICANDELO A: INOVELI **Phendula nawuphi umbuzo OMNYE kwinoveli oyifundileyo.**		
INANI LOMBUZO	**AMANQAKU**	**IPHEPHA**
1. *Kusa kusihlwa*	35	5–8
2. *Umqol'uphandle*	35	9–12
3. *UMonwabisi*	35	13–16
ICANDELO B: IDRAMA **Phendula nawuphi umbuzo OMNYE okwinoveli oyifundileyo**.		
4. *Ndiyekeni*	35	17–20
5. *Inzala YamaRhamba*	35	21–24
ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE **Phendula YOMIBINI imibuzo esetwe kumabali amafutshane.**		
6.1 *Itutu laseTikitiki*	18	25–26
6.2 *Umntu akalahlwa*	17	27–28
ICANDELO D: ISIHOBE **Phendula YOMIBINI imibuzo esetwe kwisihobe/kwimibongo**		
7.1 *Imbongi*	18	29–30
7.2 *Thembisile*	17	31–32

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

ITSHEKLISTI

QAPHELA: Phendula imibuzo emiBINI kumaCandelo amaBINI.
Phawula (√) amaCandelo owakhethileyo.

ICANDELO	IINOMBOLO ZEMIBUZO	INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO	PHAWULA (√)
A Inoveli (Kusa Kusihlwa) *(Umqol'uphandle)* (UMonwabisi)	1–3	1	
OKANYE			
B Idrama *(Ndiyekeni)* *(Inzala YamaRhamba)*	4–5	1	
OKANYE			
C Amabali amafutshane *(Itutu laseTikitiki*) *(Umntu akalahlwa*)	6.1 + 6.2	1	
OKANYE			
D *Isihobe* *(Imbongi)* *(Thembisile)*	7.1 + 7.2	1	

QAPHELA: Qiniseka ukuba uphendule imibuzo kumaCandelo amaBINI kuphela.

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

ICANDELO A: INOVELI

Kweli candelo, kukho imibuzo esetwe kwezi noveli zilandelayo:

- *Kusa kusihlwa* ngu KS Bongela
- *Umqol'uphandle* ngu MAP Ngani
- *UMonwabisi* ngu ZA Japhta

Phendula YONKE imibuzo ekwinoveli oyifundileyo

UMBUZO 1: *KUSA KUSIHLWA* – KS Bongela

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule noveli uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku abekelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

QAPHELA: Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 1.1 noMBUZO 1.2.

1.1 Funda ngocoselelo esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo

ISICATSHULWA A

Umoya wokungakhululeki uhleli ukho phakathi kwabo lada lafika ithuba lokuba indoda iphangele ngoMvulo, imadolo anzima injalo ngenxa yesenzo somfazi. Uthe phambi kokuba aphume namhlanje uLungile wabiza unyana wakhe.

'Mpumelelo namhlanje ndifuna ukukwazisa ukuba impilo yam ayintle konke. Nanjengonyana ekuphela kwakhe, ndifuna ukhule usazi into ofanelwe kukuyenza ukwenzela ukuba ze kuthi nokuba kwenzeka ntoni na kum okanye kunyoko, ungaxakwa. Umdala ngoku kangangokuba ndingakucuntsulela ubuncinane kumahlebo alapha ekhaya. Impilo yam ayithembisi mntwan'am. Ugqirha undixelele.'

'Ke Mpumelelo le mizamo siyenzayo xa sisonke apha ekhaya, sizamela ukuba uze ufunde ube ngumntu elizweni**, ungathi xa sesifile ufane nompha ochutywe walahlwa.** Uze ungayiyeki imfundo naphantsi kwayiphi na imeko de ufikelele kweli nqanaba ndihlala ndisithi ndingaxola ukuba ungafikelela kulo. Eyesibini yile yokuba uze uthi nokuba sewugqibile ukufunda, ugcine ilifa likayihlo lisebenze mntwan'am. Nabu ubutyebi bakwaNtsibande namhlanje bujinga buza kutsityelwa ngamaxhwili. Ingaze ife le venkile.'

'Into ebangela ukuba nditsho kukuba phambi kokuba ndiyivule, ndavelelwa ngubawo omkhulu ongasekhoyo, wandibonisa ikhondo lempumelelo neliya kugcina igama lakwaNtsibande lihleli. Ke, kule mpilo yam ikekeleyo; nendiyibonayo ukuba iye isonakala ngokonakala nakuba unyoko engayiqondi, nali endifuna ukuba uligcine engqondweni. Nokuba sekuyintoni, ungaze umlahle unyoko koku kuporha kwakhe, ndawo-nye noyihlomncinci kwakunye nomakhulu lo sihleli naye, uYolisa.

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

1.1.1 Xela ubudlelwane obuphakathi kukaMpumelelo kwakunye noLungile. (1)

1.1.2 Sizathu sini esibangele ukuba uLungile abize unyana wakhe ngale mini? (2)

1.1.3 Chonga ibinzana kwisicatshulwa elichaza ukuba kwathi kwakufika uMvulo akwabilula kuLungile ukuphangela. (2)

1.1.4 Didi luni lwesafobe olubhalwe ngqindilili kwesi sicatshulwa?

(a) Nika udidi lwesafobe. (1)

(b) Xela intsingiselo yaso ngokwesicatshulwa. (2)

1.1.5 Ngokwesimo sentlalo, nika ixesha eliqhubeka kulo esi sicatshulwa utsho unike ubungqina bempendulo yakho. (2)

1.1.6 Cacisa ukuba kutheni olu lwazi lungezantsi lungeyonyani.

Kwingozi yemoto kwasweleka uLungile kwakunye noYolisa emva kokuba imoto ababeyiqhuba yangquzulana nesinye isithuthi. (2)

1.1.7 Ngqina/Uchase uluvo lokuba ukungabinabazali kukaMpumelelo kuziziphumo zikanina owamamela ukulukuhlwa ngabahlobo. (2)

1.1.8 Nika ulwazi olukwisicatshulwa olusixelela ukuba ilifa lakwaNtsibande lingunomnombo osuka kwizinyanya zabo. (2)

1.1.9 Khankanya zibe MBINI iimpawu zesimo sikaMpumelelo ezinqwenelekayo ezityhilwa ebalini. (2)

KUNYE

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

1.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

ISICATSHULWA B

'Owu, umntwana kaLungile madoda, nithi nguye kakuhle lo uthi ugqibile, uyabuya? Nithi andiphuphi? Kunini lo mntwana wafunda, madoda! Ngathi nale mini ayifiki. Mna besendincamile. Noko xa sithethela phantsi, besendingxamele ukungayiqondi le nto kaMpumelelo. Besendineengqondo zokuba wabulawa ngokufunda lo mntwana ngala magqwirha alo Mlazi.'

'Owu, hayi nawe tata, ukhe ufane uthethe. Uthini umntu ukubulawa ngokufunda? Asiyonto ibhetele leyo kunokuba abulawe ngokungafuni imfundo?' Itshilo intombi yakhe iphelile yintsini. Andisathethi ngonina wayo, **owayebobotheka ngathi lo nyana wabo selekhona**.
Khangela ke engathunywanga njalo uThamsanqa, nako esiya eWentworth ukuya kuxelela abahlobo bakaMpumelelo ngalo mhla wokufika kwakhe owawusewuxeliwe licingo olwafika kwiveki elandela leya yokufumana kwakhe incwadi.

Ukhona lo wavuya waphambana akuva olu daba. Yayingumhlobo kaMpumelelo owayexelenga kwaMashu. Igama lakhe yayinguSizwe into kaMpoyi. Wathi naye akuyiva le nto waqokelela abanye oogqirha nabahlobo bakaMpumelelo ukuba baye kumhlangabeza esikhululweni seenqwelo-moya. UMpumelelo uthe engalindelanga wafika kuyinginginya yabantu abezekuphuthuma yena. Yeka ke ukumkhwaza ngobubele bonke bembulisa.

'Mpumelelo, mfondini, ubuyile? Yintoni kodwa uburhumsha obu kwedini?'

1.2.1 Nika igama lalo mlinganiswa uvuyela ukubuya kukaMpumelelo, uxele nendima ayidlala apha ebalini. (2)

1.2.2 Isixelela ntoni ngemvakalelo kaThamsanqa inkcaza ekrwelelwe umgca ngaphantsi? (2)

1.2.3 Le ntetho ilandelayo ingumzekelo ... (wolwimi olugxekayo/ wolwimi oluqweqwedisayo.)

“Owu,hayi nawe tata, ukhe ufane uthethe.” (1)

1.2.4 Tyhila umfanekiso-ntekelelo okwibinzana elibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (2)

1.2.5 Umbhali uyiveze njani kwisicatshulwa imvakalelo yabahlobo bakaMpumelelo bakuba beve ukuba uyabuya esikolweni? (2)

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

1.2.6 Landelelanisa iziganeko ngokokwenzeka kwazo ebalini.

A Itheko lokuvuyisana noMpumelelo ngezifundo zobugqirha.

B Ukohlwaywa kukaMpumelelo esinaleni.

C Ukutsha kwemoto yabazali bakaMpumelelo.

D Iyelenqe lokutshiswa kwevenkile. (4 x 1) (4)

1.2.7 Uphuhliswe njani umxholwana wokuba into oyiyo namhlanje akungebiyiyo ngomso kule ncwadi. (2)

1.2.8 Cacisa indlela isihloko sale ncwadi esizalana ngayo nezenzo zomlinganiswa onguMpumelelo. (2)

AMANQAKU EWONKE: 35

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

UMBUZO 2: UMQOL'UPHANDLE – MAP Ngani

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule noveli uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

QAPHELA: Phendula imibuzo esetwe kuzo zozibini izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 2.1 noMBUZO 2.2

2.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

ISICATSHULWA C

Ekufikeni kwakhe eofisini, umfo kaHlobo ufike wazibetha ngeglasi yewhisky, into ebekholisa ukuyenza xa acinga nzulu.

Nanamhlanje wayengonwabanga ziingcinga. Ingcombolo yebali likaDuma yayinkenteza engqondweni. Izinto awaqala ngokuzivuyela akuziva, ecinga ukuba ziza kuwenza lula umsebenzi wakhe, wayexakene nazo ngoku. Zangqinwa zonke nguLinda akuzibuza bevingcelene esitywetyweni. Wakungqina ukulahleka kwevolovolo; wakungqina ukufika kweendwendwe zaseMoonglow; waphinda walitsolisa elokuba akayazi indlela ebuye ngayo ivolovolo yakhe, seyibhaqwa isengxoweni yakhe nje.

Yena ke wazikhumbula zonke ezo ndwendwe, wazibiza ngamagama. Yayizizihlobo zakhe kunjalo nje, ezinye ingamaqabane akhe **asenyongweni.** Yayiziindedeba zequmrhu elilawula iMoonglow, naye eqeshwe zizo. Abantu abo wayeqinisekile yena Linda ukuba babengenakuba nalwazi ngevolovolo yakhe. Yayingabantu awayengenabutshaba nabo.

Bonke yayingabantu awayengazange eve kusithiwa banento abakhe baxabana ngayo noEddie. Wade waleka ngelithi uLinda, 'Nangona uEddie ebengemntu ukhe ayiphathe kum imicimbi edla yena nequmrhu lakhe laseMoonglow, zona iingxabano phakathi kwakhe nabequmrhu ebengade mhlawumbi noko azithi thsuphe kum njengoyena mhlobo wakhe usenyongweni. Kodwa ke andikhumbuli namininye endixelela ngeengxabano. Ngoko ke ndiyaqiniseka, zazingekho. Nam ke bendinakho ukuzibonela ukuba zazikho; andilulo olo lubomvu noko usana.'

2.1.1 Xela ubudlelwane phakathi kuka Eddie kwakunye noLinda. (1)

2.1.2 Sizathu sini esibangela ukuba uHlobo angonwabi ngale mini? (2)

2.1.3 Chonga ibinzana kwisicatshulwa elisichazela ukuba uMnu.Hlobo isisiqhelo kuye into yokusela emsebenzini. (2)

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

2.1.4 Didi luni lwesafobe olubhalwe ngqindilili kwesi sicatshulwa?

(a) Nika udidi lwesafobe. (1)

(b) Xela intsingiselo yaso ngokwakwisicatshulwa. (2)

2.1.5 Ngokwesimo sentlalo, nika ixesha eliqhubeka kulo eli bali utsho unike ubungqina bempendulo yakho. (2)

2.1.6 Cacisa ukuba kutheni olu lwazi lungezantsi lungeyonyani.

Kwingozi yemoto kwasweleka uEddie kwakunye noLinda emva kokuba imoto yabo yangquzulana nesinye isithuthi. (2)

2.1.7 Ngqina/ Uchase uluvo lokuba uLinda wayengenalwazi ngokwakuqhubeka phakathi kwamalungu equmrhu laseMoonglow kwakunye noEddie okwabangela ukufa kwakhe. (2)

2.1.8 Nika ulwazi olulapha kwisicatshulwa olusixelela ukuba uLinda wayekhe walahlekelwa ngumpu awavele wawubona sele ubuyile. (2)

2.1.9 Khankanya zibe MBINI iimpawu zesimo sika Eddie ezinqwenelekayo ezityhilwa ebalini. (2)

KUNYE

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

2.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

ISICATSHULWA D

'Imigudu eyayilapho ayinambaliso. Kaloku ndandingasebenzi, kungekho namntu ndandijonge kuye. Eyandincedayo yeyokuba unina wamshiya nobumalana; ndaba njalo ndinakho ukumsa nasesinaleni eDikeni. Waphuma apho ezigqibe zonke iincwadi ezifundwayo kweso sikolo.'

Akabanga nakho ukuyibamba intsini okaHlobo, 'Uthi wazigqiba kwathi tu ezaseDikeni?' ubuzile.

Ayiphendulanga intokazi enkulu koko ibonakalise ukumangaliswa, ingathi ayiyiboni ehlekisayo kuleyo ibiyithetha. Iqhubile yona: 'Kodwa ke yabambi endayenziwa nguEddie. Waphantse wandibulala. Cinga nawe ukuthi ndimfundise nzima kangako suke yena ahambe ekhondweni laba tsotsi bethu sibazalayo.'

'Yintoni ngoku kaloku?'

'Ndithi wandilahla mhla wafumana umsebenzi obhetele. Ewe, nkos'am, banjalo bonke abantwana abafundisiweyo kula maxesha sinawo.'
'Yini na sis' omkhulu! Ubenzani na abantwana abafundileyo?'
'Yiva mna ndikuxelele; banjalo ngokwenene. Ndithi wandilahla naye uEddie. Kodwa ke ngethamsanqa**, akandilahla kwathi nya**. Umkhondo wakhe emva kokunyamalala ndawuva kwiminyaka emine edlulileyo. Nakule into, ndisabulela abantu abafunda amaphephandaba.'
'Abafundileyo ke ngoko, andibi?'

'Abafundileyo ke, kulungile. Kodwa ke bandinceda abafundi maphepha. Ndeva kusithiwa nanko eMonti, kusithiwa naku naku eganyile. Ndathi ndakubuza kanti oko kuganya kukuba yiManejala yombutho wootsotsi.'
'Umbutho wootsotsi?' ubuze ebothuka uHlobo.
'Umbutho wootsotsi nangoku. Ndiza kuthi yintoni ke imbutho yasebusuku yolutsha?'

2.2.1 Nika igama lomlinganiswa othetha noHlobo, uxele nendima ayidlalyo apha ebalini (2)

2.2.2 Isixelela ntoni ngezinga lemfundo kaEddie inkcaza ekrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sicatshulwa? (2)

2.2.3 Le ntetho ilandelayo ingumzekelo ... (wolwimi oluncomayo/wolwimi olugxekayo.)

. . . banjalo bonke abantwana abafundisiweyo kula maxesha sinawo. (1)

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

2.2.4 Tyhila umfanekiso-ntelekelelo okwibinzana elibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (2)

2.2.5 Umbhali uyiveze njani kwisicatshulwa into yokuba uEddie wayesele ekwinqanaba lempumelelo ebomini? (2)

2.2.6 Landelelanisa iziganeko ngokokwenzeka kwazo ebalini

A Amalungu aseMoonglow ayabanjwa aze agwetywe.

B Ukundwendwela kuka Eddie eMoonglow night club.

C Ukufika kuka Lulama endlini ka Eddie.

D Ukufumaneka kolwazi malunga neTape Recorder. (4 x 1) (4)

2.2.7 Uphuhliswe njani umxholwana wokuba ubuqhetseba buhlala buneziphumo ezibi kule ncwadi ? (2)

2.2.8 Cacisa indlela isihloko sale ncwadi esizalana ngayo nezenzo zamalungu aseMoonglow. (2)

AMANQAKU EWONKE: 35

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

UMBUZO 3: UMONWABISI – Zama A. Japhta

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule noveli uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

QAPHELA: Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 3.1 noMBUZO 3.2

3.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

ISICATSHULWA E

Kwathi ke esandula ukubuya uRhadebe lo kwenye yeehambo zakhe ngezoshishino, isikolo eso sandwendwela isikolo esikuQumbu iShawbury. Njengesiqhelo uThandabantu wasikhapha ngezipho zomphako isikolo eso, exolisa ke bethu ukuba angabinako ukuhamba naso, ebeka isizathu sokuba wayesandula ukufika ngoko esafuna ukukhe aphumle.

Badlala abantwana baseNgcolosi ngokuzimisela okukhulu, kodwa babethwa kuyo yonke imidlalo yamantombazana, baze badlala ngokulinganayo kumdlalo webhola ekhatywayo. Badlala ngempumelelo kumdlalo webhola yombhoxo. Umntu ekwaphunywa ethwelwe emagxeni ngabanye abafundi kwelo qela yaba nguGcinumzi, kuba waphinda wazibalula umfana kaRhadebe. Baxola abafundi nje liphumelele elo lombhoxo iqela kuba yayilelona balixabisileyo apho esikolweni. Baphuma ngorhatya kakhulu kuba babekhe bonwatyiswa ngamaqela omculo ngabo babebahambele. Kwakuculwa amaculo oloyiso kuloo bhasi yayizele **ime ngeembambo.** Wonke umntu apho exhitshulwe ngumoya woloyiso onwabile. UMbomb'emfene, umqhubi webhasi leyo, naye wayesel'ethatheke lolo lonwabo lwabafundi naye ecula encedisa. Abafundi abo babemazi bemqhelile kuba babengaqali ukuhamba ngaye.

Kwakhala amakhwelo kusisankxwe kuntyontyelwa uMbombo. Naye ke bethu wahle wathatheka ngaloo mantyontyelo waba nehlombe, wawafaka kanobomi amafutha selemana ukuwa ngamacala kweso situlo wayehleli kuso. UGcinumzi wayehleli ngaselucangweni ebuchophela phezulu ebhexesha ngolonwabo abo bafundi babecula ngokuzinikela, bewathe ntsho kuye bonke amehlo.

3.1.1 Xela ubudlelwane phakathi kukaGcinumzi kwakunye noThandabantu. (1)

3.1.2 Sizathu sini esabangela ukuba uThandabantu angakwazi ukupheleka isikolo sonyana wakhe xa sasisiya kudlala kuQumbu? (2)

3.1.3 Chonga ibinzana kwisicatshulwa elichaza ukuba imidlalo ngale mini yabangela ukuba bagoduke sele kuhlwile. (2)

3.1.4 Didi luni lwesafobe olubhalwe ngqindilili kwesi sicatshulwa?

(a) Nika udidi lwesafobe. (1)

(b) Xela intsingiselo yaso ngokwakwisicatshulwa. (2)

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

3.1.5 Ngokwesimo sentlalo, nika ixesha eliqhubeka kulo eli bali utsho unike ubungqina bempendulo yakho. (2)

3.1.6 Cacisa ukuba kutheni olu lwazi lungezantsi lungeyonyani.

Kwingozi yebhasi kwasweleka uGcinumzi kwakunye nabanye abafundi ababini emva kokuba ibhasi yabo yangquzulana nesinye isithuthi. (2)

3.1.7 Ngqina/ Uchase uluvo lokuba abantu baseNtshiqo bamxhasa uThandabantu ngokupheleleyo xeshikweni yena ebebadinga emva kokuba eswelekelwe ngunyana wakhe. (2)

3.1.8 Nika ulwazi olulapha kwisicatshulwa olusixelela ukuba umqhubi webhasi wayeqhuba ngesantya esiphezulu. (2)

3.1.9 Khankanya zibe MBINI iimpawu zesimo sikaThandabantu ezinqwenelekayo ezityhilwa ebalini. (2)

KUNYE

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

3.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

ISICATSHULWA F

Mandenjenje ke Monwabisi: Ngoku kufikelele ixesha lokuba uphumze utata wakho uthabathele kuwe ulawulo lwala mashishini akhe. Ukuthathela ulawulo lwawo aluthethi ukuba ngoku ungenza nantoni ova uyifuna ngawo. Ukuba ubundimamele, imibuzo yam siqala ukuthetha bendifuna ukubona ukuba unakho na ukuluthwala olu xanduva luza kuwe.

Ngoku nguwe oza kungalali ngenxa yomsebenzi, nguwe oza kugxekwa xa kukho okungahambi kakuhle. Ngoku kumhla wohlukeneyo nabahlobo nolonwabo neziyolo. Ngoku ungusomashishini, ungumzali, uyinkokheli, ungumhluzi wokulungele nokungalungele la mashishini kayihlo. Ngoku nguwe thina esakuthi udlale wachitha intsebenzo kayihlo. Ngoku nguwe thina esakuthi udlalise wachitha intsebenzo yeminyaka kaThandabantu. Andikuyali, ndingayoleli Monwabisi, ntonje ndifuna ukukubonisa ubungakanani bomsebenzi osemagxeni akho xa sukuba uthabathela kuwe ulawulo lwezakhiwo zikaSihlunu.
Ngokokubhala phantsi yena uzinikezela kuwe ukuba uzilawule, kodwa ngokwesintu wona asengawakhe, akukho nto iguqukileyo, oku sikwenzayo kukulungiselela iimfuno zomthetho. Nasiphi na isigqibo othi usithathe kusafuneka uze naso apha kuye kuqala. Kwaye nam mfo ndikhona ndikujongile nokuba **ndakube ndikwakhele umkhanya na**. Nawe ke yihlo ungonqeni ukuza kum nanini na apho ufumana ubunzima. Ngamafutshane mfana, njengoko usazi isigqibo samagosa karhulumene, kwaye umbona uyihlo ukuba uphelelwa ngamandla okuqhuba lo msebenzi wakhe mhle kangakanana. Nguwe ke yihlo oza kuqhubeka nawo. Ungoyiki ndikhona njengoko ndandikhona nakuye.

3.2.1 Nika igama lalo mlinganiswa uthetha noMonwabisi, uxele nendima ayidlala apha ebalini. (2)

3.2.2 Isixelela ntoni ngomsebenzi ekufuneka wenziwe nguMonwabisi inkcaza ekrwelelwe umgca ngaphantsi? (2)

3.2.3 Le ntetho ilandelayo ingumzekelo ... (wolwimi oluqweqwedisayo/ wolwimi olucengayo.)

Ngoku nguwe thina esakuthi udlalise wachitha intsebenzo yeminyaka kaThandabantu. (1)

3.2.4 Tyhila umfanekiso-ntekelelo okwibinzana elibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (2)

3.2.5 Umbhali uyiveze njani kwisicatshulwa inkxaso yesithethi kuMonwabisi kolu xanduva lokuphatha amashishini kaThandabantu? (2)

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

3.2.6 Landelelanisa iziganeko ngokwenzeka kwazo ebalini.

A Ukudilizwa kuphinde kwakhiwe ngokutsha amashishini kaThandabantu.

B Ukufika komfazi osisimumu kwaThandabantu.

C UThandabantu uphangela kwaNdabazabantu.

D UMonwabisi uvuselela itrektara endala alimele abantu. (4 x 1) (4)

3.2.7 Uphuhliswe njani umxholwana wokuba into oyiyo namhlanje akungebiyiyo ngomso kule ncwadi? (2)

3.2.8 Cacisa indlela isihloko sale ncwadi esizalana ngayo nezenzo zomlinganiswa onguMonwabisi. (2)

AMANQAKU ECANDELO A: 35

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

ICANDELO B: IDRAMA

Kweli candelo, kukho imibuzo esetwe kwezi drama zilandelayo:

- *Ndiyekeni* ngu DM Jongilanga
- *Inzala YamaRhamba* ngu M Mlokoti

Phendula YONKE imibuzo ekwidrama oyifundileyo.

UMBUZO 4: NDIYEKENI – DM Jongilanga

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule drama uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

QAPHELA: Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 4.1 noMBUZO 4.2.

4.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

ISICATSHULWA G

(Ngobusuku baloo mini sifumana uMnu. Ndila kwaMadala ...)

Ndila: Ukuqeshwa yeny' into bawo, **ukhonya okweBhulu efameni yalo.**

Madala: Ngaba sesisanyankomo, ecinga ukuba isikolo esi ngamagqub' akhe.

Nonci: Kanti makazi ukuba uDicksie lo naye uzalwa ngabantu njengaye, akaphumi zidulini.

Madala: Masango, khawuthule uza kuwona lo mcimbi.

Nonci: Hi bantu benkosi! Ndathi ndivelana nomntwana kaMamCirha, kanti nditheza olunenkume.

Madala: Nisuka niquphe ukuthetha oku, nixhaph' amagwebu ningekayifumani nenyongo yento ekuthethwa yona ngobufazi obu benu-he! Mfanandini uza uphethe mcimbi mni kweli khaya, usithi mandombele yiphi ingoma?

Ndila: Tshangisa! Skhomo! Kudala undinyula ezinyuleni, namhlanje ndigxampuza kokaThisayo umgxobhozo.

Madala: Ngako oko inqanawa iya kufuna embombo imiqokozo.

Ndila: Kunjalo kanye Tshangisa. UMawonga undityhola ngokunxila esikolweni. Ukuba ndiyanxila, ndizinxilela phaya ezingqaqeni kambe ke sele ndithembise ngomnyango ...

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

Madala:	Masidlule apho mfo wam. Ingaba yintoni ekuthuthe yaza kukubek' apha?
Ndila:	Ngomso Tshangisa yintlanganiso yenu, niza kubizelwa lo mcimbi. Ndithe ke ndakuqonda ukuba iliwa libhek'umoya ndabalekela kuwe.
Madala:	Utsho usithini ke mfo wam? Andithi ungumXhosa? Ngoko ke uyayazi ukuba isithabathaba yinkuthazo kwaXhosa.

4.1.1 Xela ubudlelwane phakathi kukaNdila kwakunye noMawonga. (1)

4.1.2 Sizathu sini esibangele ukuba uNdila aze kufuna uncedo kuMadala ngalo mhla? (2)

4.1.3 Chonga ibinzana kwisicatshulwa elichaza ukuba uNonci uzibizele ingxaki. (2)

4.1.4 Didi luni lwesafobe olubhalwe ngqindilili kwesi sicatshulwa?

(a) Nika udidi lwesafobe. (1)

(b) Xela intsingiselo yaso ngokwakwisicatshulwa. (2)

4.1.5 Ngokwesimo sentlalo, nika ixesha eliqhubeka kulo eli bali utsho unike ubungqina bempendulo yakho. (2)

4.1.6 Cacisa ukuba kutheni olu lwazi lungezantsi lungeyonyani.

UMadala waphumelela ukumthethelela uNdila xa wayebizwe yikomiti yesikolo ngenxa yokunxila kwakhe. (2)

4.1.7 Ngqina/ Uchase uluvo lokuba izityholo atyatyekwa zona lo kaNdila zenza ikamva lakhe libe mfiliba ngokwasemsebenzini. (2)

4.1.8 Nika ulwazi olulapha kwisicatshulwa olusixelela ukuba uMadala waye wafuna ukunyotywa nguNdila ukuze abe secaleni lakhe. (2)

4.1.9 Khankanya zibe MBINI iimpawu zesimo sikaMawonga ezinganqwenelekiyo ebalini. (2)

KUNYE

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

4.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

ISICATSHULWA H

Mawonga:	Kuthe kanti ningamadoda, boys *(atsho eyithabatha. Ibe yimigudu ukusa isandla emlonyeni sityityimba)*
Vuma:	Ungangxami mfundisi hleze iphalale.
Hombakazi:	O! Guga sithebe. Yingwe le ekuhlohleni.
Mawonga:	Asina ededelana kweli gada.
Nzima:	Kodwa Loni unxila kakubi wena ngathi akufundanga khawenze nawe kudala usela obu bethu utywala.
Diliza:	Mfo wethu. Wenna! Ungagabadeli, yititshala yakho le uthetha nayo ngolu hlobo.
Nzima:	Suka akutitshwa ngoku, sisela utywala singamadoda sonke.
Mawonga:	Alright boys, Thulethu, sapha ihafu.
Thulethu:	Unotshe! Iphi imali? Akubhatali wena.
Mawonga:	Ndinayo imali.
Thulethu:	Ina ethe kuqala usandibamba imali yestreyiti nangoku.
Mawonga:	Eli lizwe limi ngemboleko mntanam. Ukuphila ngeenkozo yinto yabantu abasele bephumelele.
Thulethu:	Imali kuqala ubuciko abuzi kunceda nto.
Mawonga:	Enkosi *(ethabatha ihafu). (Kuselwe kwada kwasebusuku. Uphume apho uMawonga wonda ngendlu kaFuneka.)*
Mawonga:	Nkqonkqo! Nkqo! *(Cwaka)* Zanele, Zanele! *(Cwaka)* Zanele vula!Nkqonkqo!
	Nkqo! *(Cwaka) (**Tywalakahla-wahla** wophula ifestile)*
Zanele:	Yintoni ebusuku apha?
Mawonga:	Vula uza-ku-ndiva. Vula, vu-u-u-la.
Zanele:	Kudala ndakuxelela ukuba funa ndawo yimbi.
Mawonga:	What? Uqhele ukubancuva, ubancuve ubalahle.
	Vula *(abethe ucango ngamandla.)*

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

4.2.1 Nika igama lalo mlinganiswa ambiza mfundisi uVuma, uxele nendima ayidlala ebalini. . (2)

4.2.2 Isixelela ntoni ngemeko akuyo uMawonga inkcaza ekrwelelwe umgca ngaphantsi? (2)

4.2.3 Le ntetho ilandelayo ingumzekelo … (wolwimi oluqweqwedisayo/ wolwimi olucengayo.)

Mfo wethu. Wenna! Ungagabadeli, yitishala yakho le uthetha nayo ngolu hlobo. (1)

4.2.4 Tyhila umfanekiso-ntelekelelo okwibinzana elibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (2)

4.2.5 Umbhali ukuveze njani kwisicatshulwa ukungabonelwa ntweni kukaMawonga nguNzima nangona wayengutishala wakhe nje? (2)

4.2.6 Landelelanisa iziganeko ngokokwenzeka kwazo ebalini

A Ukufika kukaNomasoka noRay kwaLoni.
B Ukuya kukaMaziko kwaNdila
C Ukugxothwa kukaNdila emsebenzini.
D Itheko lakwaFuneka. (4 x 1) (4)

4.2.8 Uphuhliswe njani umxholwana wokuba into oyiyo namhlanje akungebi yiyo ngomso kule ncwadi? (2)

4.2.9 Cacisa indlela isihloko sale ncwadi esizalana ngayo nezenzo zomlinganiswa onguMawonga. (2)

AMANQAKU EWONKE: 35

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

UMBUZO 5: INZALA YAMARHAMBA

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule drama uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

QAPHELA:

5.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

ISICATSHULWA I

Ncaphayi: Yintoni mfo wam? Kwenzeke ntoni? Anilwanga kodwa?

Zanoxolo: Hayi tata, ndizithobe kangangoko, njengoko benicebisile. Kodwa, inkulu into emzelayo laa mntwana. Andazi nokuba uphumelela njani na khona kwesiya sikolo. Ulilisela ngemfundo yakhe.

MaTshezi: Nantso ke into ayaziyo**. Uthi igumbi eli alala kulo lona licocwa ngubani, yintengu?**

Zanoxolo: Yhoo mama! Ndithi kunuka kunuka kunuka kweliya gumbi alala kulo laa mntwana. Sisankqange sento ongenakuze uyichaze nokuba kunuka ntoni na.

MaTshezi: Heke! Naso ke isifundiswa sasemaTolweni.

Zamoxolo: Ndithi akukho nendawo le yokunyathela xa ungena phaya. Impahla ifumbe indawo yonke. Ezinye zijinga ezikhonkwaneni ezindongeni. Yhu! Ivumba.

MaTshezi: Iphume isisicicibala intombi yam, ngathi ayiphumi kula *Gehena.*

Ncaphayi: Khawume MaTshezi. Uyamphazamisa uZanoxolo. Qhuba mfo wam. Phofu uthini ngale ubuyihambele?

Zanoxolo: Utyhola umama kaloku tata. Isimanga seso.

MaTshezi: UmntakaTyingca! Undityhola uthi nditheni?

Zanoxolo: Uthi nguwe kaloku mama othanda ukwenza yonke into apha ekhaya ngokwakho. Yena akumniki ithuba lokuba enze kwanto. Uthi evuka nje ube wena sowugutyule yonke indlu, kubetha umoya.

MaTshezi: *(Eqhwaba izandla ebamba ingezantsi)* Yhini le! – Uthi ndiza kuyeka umzi wam unyhuku-nyhuku ndingawucoci ngenxa yakhe kakade, kuba ndilinde yena? Uthi kweliyaa lakhe igumbi kutheni, kuse*Gehena* nje?

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

5.1.1 Xela ubudlelwane phakathi kukaZanoxolo kwakunye noDina. (1)

5.1.2 Sizathu sini esibangele uZanoxolo ayithandabuze impumelelo kaDina ngokwasesikolweni? (2)

5.1.3 Chonga ibinzana kwisicatshulwa elichaza ukuba uZanoxolo akazange asebenzise amazwi arhabaxa ngelixa athetha noDina. (2)

5.1.4 Didi luni lwesafobe olubhalwe ngqindilili kwesi sicatshulwa ?

(a) Nika udidi lwesafobe. (1)

(b) Xela intsingiselo yaso ngokwesicatshulwa. (2)

5.1.5 Ngokwesimo sentlalo, nika ixesha eliqhubeka kulo eli bali utsho unike ubungqina bempendulo yakho. (2)

5.1.6 Cacisa ukuba kutheni olu lwazi lungezantsi lungeyonyani.

UDina ububungqina bobungozi bamakhasi onxibelelwano obuphele bumngenisa kumgibe wokuxhatshazwa ngesondo kwakunye neziyobisi. (2)

5.1.7 Ngqina/Uchase uluvo lokuba uMaTshezi ube ngumama onengqeqesho entombini yakhe. (2)

5.1.8 Nika ulwazi olulapha kwisicatshulwa olusixelela ukuba uDina wayengafuni ukuthatha uxanduva ngesimilo sakhe. (2)

5.1.9 Khankanya zibe MBINI iimpawu zesimo sikaNcaphayi ezinqwenelekayo ezityhilwa ebalini. (2)

KUNYE

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

5.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

ISICATSHULWA J

Noyongo: Hayi kodwa ntombazana uyandibhidisa ngoku. Kaloku wayethe akakufuni lo mfo apha. Uya kuthini ngoku ukuthi mandikudibanise naye?

Dina: Heyi sisi Noyongo. Kufuneka ndidibene naye nakanjani. Ndizele mfazi, ndinabantwana. Ke, uThambo makabone ukuba wenza njani. Baza kutya ntoni aba bantwana?

Noyongo: Hayi bo, wathetha ngabantwana, wafumana amawele na kanti?

Dina: Ndafumana amawele, andafumana mawele, ayifuni mntu loo nto. Ndinabantwana qha, futhi ngenxa yenu. Magqwirhandini.

Noyongo: Hayi bo mfazi! Ungakhe ulinge kaloku undithuke mna. Tyhini! Inkenkqe yakho wayikhuphela kum ngoku?

Dina: Mnxim! Andithi nguwe kanye menemenekazindini owawusenza ngathi naku-naku undithanda apha, **kanti lonke elo xesha ungumnatha nje wokundibambisa,** undibambisela ukundidlisa ngala nyoka yakho. Elaa menemene legqwirha lafelwa kudala bubuntu. Ngoku ndizele ndinabantwana ekufuneka bondliwe – niyasuka nindishiya kwesinomhlwa.

Noyongo: Tyhini Thixo wamaZulu! Usile moss mntanandini hhi! Yini le! Uyindlavini mos xa unje. Yhazi ndandikuthanda.

Dina: Sowuqhelile! Ndithe nqa ukuthandwa lithole likanobiya kakade? Khona ude uthi ndisile nje ndise xa unjani wena? Khona xa ungubani?

Noyongo: Tyhini Thixo usile mntanandini! Futhi uqaqadekile. Yaye tshotsho ikufanele nale nto uyifumeneyo.

Dina: O-o! Utsho? Yeka ke kunjalo. Uza kundazi. *(Watsho ephakama emshiya apho ematshekile. Wagqolotha ukuya kutyhoboza engena egumbini likaNyoka engankqonkqozanga.)*

5.2.1 Nika igama lalo mlinganiswa aze kuye uDina, unike nendima ayidlalayo ebalini. (2)

5.2.2 Isixelela ntoni ngengxaki akuyo uDina inkcaza ekrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa? (2)

5.2.3 Le ntetho ilandelayo ingumzekelo .... (wolwimi oluqweqwedisayo/ wolwimi olucengayo.)

Ungakhe ulinge kaloku undithuke mna. (1)

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

5.2.4 Tyhila umfanekiso-ntelekelelo okwibinzana elibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (2)

5.2.5 Umbhali ukuveze njani ukungabikho kwenkxaso kukaNyoka noNoyongo kuDina esakuba enabantwana? (2)

5.2.6 Landelelanisa iziganeko ngokokwendlela ezenzeke ngayo ebalini

A Usajini Gxalaba uxelela uNoyongo ukuba kufuneka abe lingqina lenkundla ukuze kubanjwe uNyoka.

B UDina uyakhulelwa umntwana kaThambolenyoka.

C uDina utyikitya isivumelwano sakhe sengqesho kwiHotele kaThambolenyoka.

D Kufika ootitshala bakaDina kwaNcaphayi bexhalabile yimeko kaDina. (4 x 1) (4)

5.2.7 Uphuhliswe njani umxholwana wokuba ukunyolukela imali ngendlela engalawulekiyo kuba neziphumo ezibi kule ncwadi. (2)

5.2.8 Cacisa indlela isihloko sale ncwadi esizalana ngayo nezenzo zomlinganiswa onguThambolenyoka. (2)

AMANQAKU ECANDELO B: 35

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

ICANDELO C: NDAKUYICELA IVUTHIWE – L.L. Ngewu & E.Z. Guqa

Kweli Candelo, kukho imibuzo esetwe kula mabali mafutshane alandelayo:

- ITUTU LASETIKITIKI – LL Ngewu
- UMNTU AKALAHLWA – LL Ngewu

Phendula YONKE imibuzo ekwibali elifutshane olifaneleyo.

UMBUZO 6:

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kula mabali mafutshane uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

QAPHELA: Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 6.1 noMBUZO 6.2.

ITUTU LASETIKITIKI – LL Ngewu

6.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

ISICATSHULWA K

Ekufikeni kwakhe kowabo uThobile uxelelwe nguyise ukuba naye umncamile oko wancanywa nangutitshala uXakanisekile umfo kaNcamani. UThobile wahlukene nesikolo wahlala ekhaya emana ukukhalinywa xa kubonwa ukuba uvukwa likakade lakhe. Xa eneminyaka elishumi elinesixhenxe ukhe wafumana umsebenzi kwenye yeevenkile zakuTsolo, kodwa wathi engekohlulakali kuyaphi kukothula iingxowa zombona, unovenkile akabi nakumnyamezela ngenxa yokuba neminwe emide kwakhe.

Uchithiwe apho kuloo venkile, koko wanethamsanqa lokufumana umsebenzi wokolusa impahla egcinwe esikiti apho kuTsolo. Lo asinguwo umsebenzi ebewuthanda uThobile, koko uwamkele ngenxa yokuxakwa emana ezithundeza mihla le ezithuthuzela ngelithi, 'nehashe liyadliwa emfazweni xa kunyembelekile'.

Lo msebenzi wakhe wasesikiti uhambe wahamba wamvulela isango lobusela. Ubekwazi ukuqokelela iinkomo zabantu edlelweni aziqhube azise esikiti anqabe nazo kubaninizo ngelithi kubo zibanjwe kumhlaba kamasipalathi kufuneka bezihlawulele. Nakuba unkabi wayeqhele imali entle nje ubeyamkela naleyo yabanini nkomo incinci injalo, azixolise ngelithi **uchintsi akafani noshici**. Ekuhambeni kwexesha ungenwe ngumkhuba wokuthengisela amasela iinkomo ezibanjiweyo. Emva kwethuba kubanjwe yena buqu wakha wachitha iinyanga ezintathu enkolonkoloza esiseleni.

Uphume apho engahlukanga kuyaphi kwisabonkolo esitshelwe zizicheku nakuba ke ubusela bebumchewule nje. Kuphele iinyanga ezintandathu engasebenzi, ehleli eTikitiki kowabo, nakuba apha kowabo ebengohlukanga kundwendwe olungamkelekanga.

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

6.1.1 Xela ubudlelwane phakathi kukaThobile kwakunye Xakanisekile. (1)

6.1.2 Sizathu sini esabangela ukuba unovenkile angakwazi ukumnyamezela uThobile? (2)

6.1.3 Chonga ibinzana kwisicatshulwa elichaza ukuba nangona uThobile wayengawuthandi lo msebenzi kodwa waye wazincamela kuwo. (2)

6.1.4 Didi luni lwesafobe olubhalwe ngqindilili kwesi sicatshulwa?

(a) Nika udidi lwesafobe. (1)

(b) Xela intsingiselo yaso ngokwesicatshulwa. (2)

6.1.5 Ngokwesimo sentlalo, nika ixesha eliqhubeka kulo eli bali utsho unike ubungqina bempendulo yakho. (2)

6.1.6 Cacisa ukuba kutheni olu lwazi lungezantsi lungeyonyani.

UThobile xa wayebanjelwe ukuba isidumbu uMantyi waye wamgweba iminyaka engama- 25 entolongweni. (2)

6.1.7 Ngqina/Uchase uluvo lokuba ukubanjwa kukaThobile kube yeyona nto ebeyidinga ukuze kutshintshe isimo sakhe. (2)

6.1.8 Nika ulwazi olukwisicatshulwa olusixelela ukuba ubusela kuThobile babusele busegazini engasakwazi nokuzilawula. (2)

6.1.9 Khankanya zibe MBINI iimpawu zesimo sikaThobile ezinganqwenelekiyo ezityhilwa ebalini. (2)

KUNYE

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

UMNTU AKALAHLWA- LL Ngewu

6.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

ISICATSHULWA L

Intombi kaMathidala itsale nzima kakhulu kangangokuba nakuba ibiphangela nje, akukho nto ibidiza ukuba ngumntu owamkelayo. Eyakhe imali ebeyicukuceza ayicukuceze kude kungasali kwanto. Inyanga ibiphela kungekho nesepha le yokuhlamba ubuso. Mhla babeleka oodade wabo kwaba nzima kakhulu kuThandile. Eyona nto ingummangaliso luhlobo awayebantantamise ngalo oodade wabo de axolele ukuba kungadli yena kunokuba kubekho olala engasanga nto emlonyeni. Nasebusuku bekungekho kuphumla ngokwaneleyo kuba xa bengagezelwanga ngokumana benkqonkqozelwa zizibhongobhiyana zamakhwenkwe angenasimilo, bezitshintshiselana ukujwed'iintsana.

Phantsi kweemeko ezilusizi uThandile uzenze idini wabathumela esikolweni oodade wabo baya kugqibezela imfundo yabo eli lixa yena ebesisinxadanxada ejongene neentsana ezintathu. UNobesuthu noNomtha abadlalanga ngexesha labo kuba bebeyiqonda intlungu kaThandile. Uphele unyaka sele ngathi akanqakuli uThandile koko kucaca ukuba usenzile isifungo sokuba oodade wabo akanakubalahla, nokuba sekumnyam' entla, ngokungabikho kwemali yokuthenga isibane.

Nakuba bekunzima nje ukufumana isikolo sokuhlohla, **ezi mbacu** zona azithathanga xesha lide zingasifumananga isikolo ukugqiba kwazo ukufunda.
Iphelile iminyaka emine ezi ntombi zingazanga zilubeke unyawo kowazo.

6.2.1 Nika igama lentombi yokuqala kaMathidala, uxele nendima eyidlala apha ebalini. (2)

6.2.2 Isixelela ntoni ngemeko yekhaya likaThandile inkcaza ekrwelelwe umgca ngaphantsi. (2)

6.2.3 Le ntetho ilandelayo ingumzekelo ... (wolwimi olunyanzelisayo/ olucengayo.)

. . . nokuba sekumnyam'entla. (1)

6.2.4 Tyhila umfanekiso ntelekelelo okwibinzana elibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (2)

6.2.5 Umbhali uveze njani kwisicatshulwa ukuba uThandile wayesele engathi ushiywa ziingqondo yimeko yoodade wabo. (2)

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

6.2.6 Landelelanisa iziganeko ngokokwenzeka kwazo ebalini.

A Ukufa kweenkomo zikaMathidala zibulawa ngumbendeni.

B Ukuphindiselwa kukaNobesuthu noNomtha eThembeni.

C Ukugxothwa kukaNobesuthu noNomtha nguyise kuba bekhulelwe.

D UThandile ufumana isithuba somsebenzi kwisikolo saseMpheko. (4 x 1) (4)

6.2.7 Uphuhliswe njani umxholwana wobungozi bokuthanda imali ude ube nobugqolo kweli bali? (2)

6.2.8 Cacisa indlela isihloko seli bali esizalana ngayo nezenzo zomlinganiswa onguMathidala. (2)

AMANQAKU ECANDELO C: 35

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

ICANDELO D: ISIHOBE

Kweli candelo kukho imibuzo esetwe kule mihobe ilandelayo:

(a) Imbongi – KN Manciya

(b) Thembisile – LE Menze

Phendula yonke imibuzo ekwimibongo oyifundileyo.

UMBUZO 7: IVAMNA BAFAZI BOLUSU – S. Maputi nabanye.

Funda izicatshulwa zemibongo ezilandelayo uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

QAPHELA: Phendula imibuzo eswete kuzo zoziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 7.1 noMBUZO 7.2

7.1 Funda umbongo olandelayo uze uphendule imibuzo

ISICATSHULWA M

IMBONGI – KN Manciya

Nguchul'ukunyathel'ingcibi yezibongo;
Lichabasa lechebesh'elichas'amachelesi;
Yinkcambi yolwimi ichanasa lokucukuceza.
Kroti lakwabani ngqanga yamazwi!

Khonkco lomzi nesizwe samathongo;
Akusiloqi nasiwanqi salopholopholo;
Yinjinga engaqhayisi ngazincwadi zamlungu;
Izigasa ngezisongelo zolwimi oluncuthu mazangwa.

Yingcungcu ongeyivali mlomo,
Kub'imiqobo ayibekelwa mbongi;
Ngumavula-kuvaliwe isinyikitha sesazi.
Seemfihlo zelizwe elizayo kwisizwe samaThongo.

Ezakh'iziqamangelo zikwilizwe elingaphaya kwefihlo.
Wolondl'itshoba lakhe umfo wasemzini,
Nqwa neletola int'eman'ukutywas'ihlasimla;
Ihlokohlwa ngamahlwantsi elizwe lasekupheleni.

Yingqitsimakhw'engaphahluki njengathumba.
Yipikoko ekucondob'akutsal'injezu;
Yintambanana ukuvotyozel'ityityimba;
Ngudokolwan'ukuwaganga amantyontyelo.

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

21 **Ngujobela ukuthand'ezizezakhe iihombo neehombile.**
22 Yingcibi nencacholo yezivatho;
23 Ibhinqel'amawatsha, izikhakha nesidlokolo.
24 Ngumvetshan'oventshuz'uvatshula.

25 Zimgqaz'iimbong'aph'ezweni,
26 Kub'amaThong'akathongi ngamthongisayo,
27 Kub'iimbongi azahluke tu kooNonyanya.
28 Zithetha neengcathangu zaw'amaThongo.

29 Xa bendingayimbongi kwiimbongi zelizwe,
30 Bendingahlasimla ngohlwantsi lohlwahlwane;
31 Ndihlahlambe ndihlehlahlehla ndihlasimla,
32 De ndididizele ndithi dabalala.

7.1.1 Nika ibinzana elichaza ukuba imbongi ayihambi nokuba kuphi na kwisitanza -1. (1)

7.1.2 Tolika umqolo okrwelelwe umgca ngaphantsi kwisitanza sesi-2. (2)

7.1.3 Didi luni lwesafobe olufumaneka kumqolo wesi-9?

(a) Nika udidi lwesafobe. (1)

(b) Xela intsingiselo yaso ngokwalo mbongo. (2)

7.1.4 Wohluke njani umxholo wesitanza sesi-3 kumxholo wesitanza sesi-5 kulo mbongo? (2)

7.1.5 Xela zibe MBINI izinto umbhali azibonakalise njengomzekelo wesinxibo sembongi kwisitanza sesi-6. (2)

7.1.6 Nika umfanekiso-ngqondweni oziswa ngamagama abhalwe ngqindilili kumqolo wama-21 wandule ukunika intsingiselo yawo. (3)

7.1.7 Xela isixhobo sesandi esikrwelwe umgca kwisitanza sesi-8 uze unike nomsebenzi waso. (2)

7.1.8 Cacisa ngesizathu sokuba umbhali asebenzise umntu wokuqala xa ethetha kwisitanza sokugqibela. (2)

7.1.9 Didi luni lo mbongo olu? (1)

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

7.2 Funda esi sicatshulwa sesibongo silandelayo uze uphendule imibuzo.

ISICATSHULWA N

THEMBISILE – LE Menze

KwaXhosa zithi zakungalungi izinto,
Indoda ingene ebuhlanti,
Iphalaze igazi leyona ityetyisiweyo,
Anqule amathile engxengxeza kwizinyanya.

Tyhini, madoda! Le ndoda itheni?
Tyhini, kwedini Thembisile! Unjani na?
Laphalala igazi likaTshonyane omkhulu.
Unikele ngegazi lakhe, sakhululwa.

Wayilwela inkululeko ebutsheni bakhe,
Wabhaca walinikela umva ikhaya,
Abazali, izihlobo nezalamane zakhamnqiswa,
Amabhongo namhla uwafezile ngegazi lakho.

Ngokuwa kwalo mthi, uMthuzimele,
Ngokwenene sayifumana inkululeko, Dikiza.
Ngokuphalala kwegazi lakho, Tshonyane,
Ngokwenene yaqhawuka imixokelelwano.
Imixokelelwano yengcinezelo kwedini!
Hayi kwedini, Nkomo ndikuncamile!
Amadabi uwalwile wawaphumelela.
Iinduma zengcinezelo uzivile kwedini.

Kwedini ndithi unesibindi sengonyama!
Ndakubona eMaseru mfana isibindi,
Bagibisela ngebhombu bathi bakugqibile,
Vumbululu apho lo mthi, wazimela nkqo!
Uyihlo wakuthiya ngebhongo kwedini!
Wathembisa okwenene akwajika, kwedini!
Namhla izizukulwana zova ngawe, kwedini!
Uyimele inyani awajika, bhuti!
Uyimele de kwafika utshaba,
Inene wena, Waluza useza kuphendula!
Amazulu ayavuya ngale nzuzo!
Emhlabeni zizijwili yile lahleko!

7.2.1 Nika zibe MBINI izinto umbhali athi ziyenziwa ebuhlanti. (2)

7.2.2 Xela igama elithetha into enye negama ‘exhantini’ elikumqolo wesi-2. (1)

7.2.3 Ngubani igama aziwa ngalo lo Thembisile kuthethwa ngaye kulo mbongo? (1)

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

7.2.4 Uqaqambisa ntoni umbhali ngophawu lokhuzo kule miqolo ilandelayo.

Tyhini, madoda! Le ndoda itheni?
Tyhini, kwedini Thembisile! Unjani na? (2)

7.2.5 Tolika umqolo we-13 kulo mbongo. (2)

7.2.6 Sizisa ngcinga ni isifanekisozwi esibhalwe ngqindilili kumqolo wama-24? (2)

7.2.7 Wawuyintoni umsebenzi aziwa ngawo lo Thembisile? (2)

7.2.8 Unxulumana njani uWaluza noThembisile ekuthethwa ngaye kulo mbongo? (2)

7.2.9 Chonga umqolo osixelela ukuba uThembisile ukhe waya nangapha kwemida yoMzantsi Afrika. (1)

7.2.10 Ulubonakalise njani uchasaniso umbhali kwimiqolo emibini yokugqibela kulo mbongo? (2)

AMANQAKU ECANDELO D: 35
AMANQAKU EWONKE: 70

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.